



It starts with a story...

## Share a story!

The most important thing to do when you read to children is to enjoy yourself, because if you do, they will learn that reading is a pleasurable activity. There are no correct or incorrect ways to read to children, but here are some of our tips for sharing books together.

### When?

1. Share stories at times when your children find it easy to settle down, like after bath time or just before they go to sleep at night.
2. Younger children or children who are tired, often find it difficult to concentrate for long periods of time, so don't read for too long.

### Where?

3. Find a quiet, comfortable place to read. Turn off any computers, TVs and radios!

### How?

4. Sit close to each other so that you can both easily see the pictures and words on the page.
5. Start by reading the name of the author (and illustrator) so children appreciate that books are created by people just like them!
6. Read with as much expression as you can – your children will appreciate it!
7. Find ways to draw them into the story as you read. For example, ask them what they think might happen next, discuss one of the pictures or ask them to turn the pages for you.
8. Deepen their understanding by asking, "What does that remind you of?", "Why do you think she did that?" and "What would you have done?" Questions like these help to connect stories to children's lives. They also help children discover how stories work.
9. If your children ask you to read a story again ... and again, do it! They will discover new things about the story each time. As they get to know the stories better, invite them to read along with you.
10. Once your children can read, don't stop reading to them! Choose books that are more difficult and complex than the ones they can read on their own. When you are reading chapter books together, read one or two chapters every day or find another place to stop that will make your children want to come back for more tomorrow!

For more information on reading to children, go to [www.nalibali.org](http://www.nalibali.org) or [www.nalibali.mobi](http://www.nalibali.mobi)

## Yabelanani ngebali!

Eyona nto ibalulekileyo onokuyenza xa ufundela abantwana kukuzonwabisa kuba xa wenza njalo, baza kufunda ukuba ukufunda yinto emnandi. Akukho zindlela zilungileyo okanye zingalunganga zokufundela abantwana, kodwa nazi ezinye zeengcebiso zethu zokwabelana ngeencwadi xa nidibene.

### Nini?

1. Yabelanani ngamabali xa abantwana bakho bekufumana kulula ukumamela, bezolile, umzekelo emva kwexesha lokuhlamba okanye kanye phambi kokuba balale ebusuku.
2. Abantwana abancinane okanye abantwana abadiniweyo badla ngokukufumana kunzima ukumamela ixesha elide, ngoko ke musa ukufunda ixesha elide.

### Phi?

3. Fumana indawo ezolileyo, ehlalisa kamnandi yokufunda. Zicime iikhompyutha zakho, oomabonwakude kunye noonomathotholo!

### Njani?

4. Hlalani ngokusondeleleneyo ukuze nikwazi ukubona kakuhle imifanekiso namagama asephepheni.
5. Qala ngokufunda igama lombhali (kunye nelomzobi) ukuze abantwana bakuqonde ukuba iincwadi ezi zenziwe ngabantu abafanayo nje nabo!

6. Funda ngemvakalelo nogxininiso kangangoko unakho – abantwana bakho baya kuyithanda loo ndlela yokufunda!
7. Fumana iindlela zokutsalela umdla wabo ebalini njengokuba ufunda. Umzekelo, babuze ukuba bacinga ukuba yintoni eza kulandela emva kokuba ufunde isenzeko esithile ebalini, xoxani ngomnye wemifanekiso okanye ubacele ukuba bakutyhilele amaphepha xa ufunda.
8. Zikisa ukuqonda kwabo ngokubuza wenjenje, "Ingaba kukukhumbuzo ntoni oku?", "Ucinga ukuba uyenzele ntoni le nto?", kunye no-"Wena ubuza kwenza ntoni xa ibinguwe?" Imibuzo efana nale inceda ukudibanisa amabali nobomi babantwana kwaye ibanceda bafumanise nendlela asebenza ngayo amabali.
9. Ukuba abantwana bakho bakuqonda ukuba ufunde ibali uphindelela ... amaxesha amaninzi, kwenze oko! Kaloku baza kufumanisa izinto ezintsha malunga nebali elo qho xa ubafundela. Njengokuba besiya bewazi ngcono amabali, bameme ukuba bafunde kunye nawe.
10. Xa abantwana bakho bekwazi ukufunda, musa ukuyeka

ukubafundela! Kheitha iincwadi ezinzima nezintsokothileyo kunezo bakwaziyo ukuzifundela ngokwabo. Xa nifunda iincwadi ezinezahluko kunye, fundani isahluko esinye okanye ezibini yonke imihla okanye ufumane indawo oza kuthi xa uyeka ukufunda ibenze bafune ukuqhubeka bafunde kwakhona ngengomso!

Ukuze ufumane iinkcukacha ezithe vetshe ngokufundela abantwana, yiya ku-[www.nalibali.org](http://www.nalibali.org) okanye ku-[www.nalibali.mobi](http://www.nalibali.mobi)

INSIDE Win a R100 gift card from Jet!  
**NGAPHAKATHI**  
Phumelela ikhadi lesipho sokuthenga lakwa-Jet elixabisisa i-R100!



Drive your imagination

Story Power.  
Bring it home.  
Wazise ekhaya amandla eballi.







Drive your imagination



## Nal'ibali news

Earlier in 2014, we ran a competition to celebrate our second birthday. Thank you for sending in all your beautiful birthday cards – we really enjoyed reading them!

The winner was Keratilwe Phambaka (9 years old) from Reading Buddies Club at Setolamathe Public School in Kagiso 2. The runners-up were Oratile Masokoane, also from Reading Buddies Club, and Kuhle Mjuleni from KwaFaku Vulindlela Reading Club in Cape Town. Keratilwe won R1 000 worth of books for himself and his reading club. The runners-up each won R500 worth of books for themselves and their clubs.

## Iindaba zeNal'ibali

Phaya ekuqaleni kowama-2014, saqhuba ukhuphiswano lokubhiyozela iminyaka emibini sizelwe. Siyanibulela ngokusithumelela amakhadi amahle okubhiyozela usuku lokuzalwa – sakonwabela ukuwafunda!

Waphumelelayo nguKeratilwe Phambaka (oneminyaka eli-9) ovela kwi-Reading Buddies Club, eSetolamathe Public School, eKagiso 2. Owaphumelela kwindawo yesibini ngu-Oratile Masokoane, naye okwavela kwi-Reading Buddies Club, ze ophumelele kwindawo yesithathu ibe nguKuhle Mjuleni ophuma KwaFaku Vulindlela Reading Club, eKapa. UKeratilwe waphumelela iincwadi ezizezakhe kunye nezeklabhu yakhe ezixabisa i-R1 000. Abalandelayo, emnye kubo waphumelela iincwadi ezizezakhe kunye nezeklabhu yakhe ezixabisa ama-R500.



Here is Keratilwe's winning birthday card. We loved his drawing of the Nal'ibali character, Bella!

Nali ikhadi elaphumelelayo likaKeratilwe elibhiyozela usuku lokuzalwa lukaNal'ibali. Sawuthanda kakhulu umzobo wakhe womlinganiswa weNal'ibali, uBella!



Reading Buddies Club, Kagiso 2

I-Reading Buddies Club, eKagiso 2



## Nal'ibali on radio!

Enjoy listening to stories in isiXhosa and in English on Nal'ibali's radio show:

Umhlobo Wenene FM on Monday to Wednesday from 9.30 a.m. to 9.45 a.m.

SAfm on Monday to Wednesday from 1.50 p.m. to 2.00 p.m.



## UNal'ibali kunomathotholo!

Yonwabela ukuphulaphula amabali ngesiXhosa nangesiNgesi kwinkqubo kanomathotholo yeNal'ibali:

Umhlobo Wenene FM ngoMvulo ukuya ngoLwesithathu kusasa, ukususela ngo-9.30 ukuya ngo-9.45.

SAfm ngoMvulo ukuya ngoLwesithathu emini, ukususela ngo-1.50 ukuya ngo-2.00.



### Create your own cut-out-and-keep book

1. Take out pages 3 to 6 of this supplement.
2. Fold it in half along the black dotted line.
3. Fold it in half again.
4. Cut along the red dotted lines.

### Zenzele eyakho incwadana onokuyisika-ze-uyigcine

1. Thatha iphepha lesi-3 ukuya kwelesi-6 kolu hlelo.
2. Wasonge phakathi kumgca wamachaphaza amnyama.
3. Phinda uwasonge phakathi.
4. Sika kwimigca yamachaphaza abomvu.





“Hayi ndiyala, Vilavoco Sloth.  
Yinyoka leyo.  
Ayilosebe eloi Usizana lwenyoka.  
Ulothusile noko?”

“Oh no, Mr Sloth! That’s a snake  
over there!  
Not a branch! Poor old snake. You gave  
him quite a scare.”



“Eli sebe likhangeleka hlungile!  
Ndinga ukulala kulo.  
Wena? Ingaba awutsho ukuba yingcinga  
efanelileleyo leyo?”

“This branch looks lovely! I think I’ll  
sleep here.  
And you? Don’t you think that’s a  
splendid idea?”



Fold

We believe every child should  
own a hundred books  
by the age of five.

Become a book-sponsor and  
help change the world.

Get involved at  
[bookdash.org](http://bookdash.org)



Nal’ibali is a national reading-for-enjoyment  
campaign to spark children’s potential through  
storytelling and reading. For more information,  
visit [www.nalibali.org](http://www.nalibali.org) or [www.nalibali.mobi](http://www.nalibali.mobi)



It starts with a story...

UNal’ibali liphulo likazwelonke  
lokufundela ukozonwabisa nokuvuselela  
umdlabantwaneni ngokubalisa amabali  
nokufunda. Ngeenkukacha ezithe  
vetshe, ndwendwela ku-[www.nalibali.org](http://www.nalibali.org)  
okanye ku-[www.nalibali.mobi](http://www.nalibali.mobi)



Fold

# Sleepy Mr Sloth



## USloth Vilavoco

Paul Kennedy  
Nick Mulgrew  
Graham Paterson

“Hayi ndiyala, Sloth Vilavoco! Kukho indlu yeenyosi apho! Soze ulale lelo bubu leenyosi zibhubhuzela apho!”

“Oh no, Mr Sloth! There’s a beehive right there! You’ll never get sleep with those bees everywhere!”



Fold

“Eli sebe likhangeleka hlungile! Ndinga ukulala kulo. Wena? Ingaba awutsho ukuba yingcinga efanelileyo leyo?”

“This branch looks lovely! I think I’ll sleep here. And you? Don’t you think that’s a splendid idea?”



Yawn!  
Wazamla!

One day, Mr Sloth came to visit. He said, “I’m sleepy! I need a good branch for a bed!”

Ngenye imini, kwafika uSloth Vilavoco endwendwele. Wathi, “Ndiyozela! Ndifuna isebe elihle, endingalala kulo!”

Fold





The bird and the snake,  
the giraffe and each bee  
were happy to have  
Mr Sloth in their tree.

Intaka nenyoka, indlulamthi  
nenyosi nganye-nganye,  
Bakuvuyela ukundwendwelwa  
nguVilavoco Sloth, emthini wabo.

“Eli sebe likhangeleka hlungile!  
Ndinga ukulala kulo.  
Wena? Ingaba awutsho ukuba yingcinga  
efanelekileyo leyo?”

“This branch looks lovely! I think I’ll  
sleep here.  
And you? Don’t you think that’s a  
splendid idea?”



“I’m quite good at climbing. I know  
how to swing.  
But sleeping’s my favourite,  
favourite thing!”

“Ndilichule lokugwencela.  
Ukujinga yinto endiyaziyo.  
Kodwa ukulala, yeyona yona  
nto ndiyithandayo!”

“Hayi ndiyala, Sloth Vilavoco! Kukho indulamthi etya apho! Iya kucinga ukuba ulisebe lomthi, ze iqalise ukutya uboya bakho!”

“Oh no, Mr Sloth! A giraffe’s eating there! He might think you’re lunch and start nibbling your hair!”



“This branch looks lovely! I think I’ll sleep here.

And you? Don’t you think that’s a splendid idea?”

“Eli sebe likhangeleka lilungile! Ndicinga ukulala kulo.

Wena? Ingaba awutsho ukuba yingcinga efanelekileyo leyo?”

“Hayi ndiyala, Vilavoco Sloth. Kukho intaka eculayo apho. Soze ulale yiloo ngxolo ilapho!”

“Oh no, Mr Sloth! There’s a bird squawking there! You’ll never get sleep with that noise in the air!”



“Try climb one more branch, Mr Sloth!” they all said.

And that branch was just the right one for his bed.

“Zama ukunyuka uye kwelinye isebe, Vilavoco Sloth!” batsho bonke.

Kanti ke elo yayilelona sebe limlungeleyo, njengoko nabo batshoyo bebonke.





## Get creative!

Do your children have a special place to keep the books they enjoy reading? Let them follow the steps below to make their own Story Power book boxes. They can keep it next to their beds so that reading and books become a part of their everyday life – something they think of as they shut their eyes at night and again when they wake up in the morning! Encourage them to keep their Nal'ibali supplement cut-out-and-keep books as well as other books they enjoy in their special boxes.

### You will need:

- a shoebox
- old magazines and newspapers
- glue
- scissors
- paper and crayons (optional)
- a reading log



### What to do

1. How do your children picture their lives as adults? For example, what kind of work do they want to do and where would they like to live? Let their imaginations soar as you talk about these things with them.
2. Give your children some old magazines and newspapers. Let them cut out pictures and words that represent their dreams and goals, as well as who they are now, for example, things they enjoy doing now, their favourite colours or their favourite Nal'ibali characters. (Visit the "Resources" section at [www.nalibali.org](http://www.nalibali.org) to download pictures of the Nal'ibali characters.) You can also suggest that they draw their own pictures if they want to.
3. Let them turn a shoebox into a personal Story Power book box by pasting their cut out words and pictures on the outside and inside of the box.
4. Next, give them a reading log to paste onto the inside of the lid so that they can record the books they read. You can download a reading log sheet from the "Resources" section of our website ([www.nalibali.org](http://www.nalibali.org)). Or, you can make your own, by dividing a blank sheet of paper into three columns and labelling the columns like this: Name of book, When I read it, What I liked about it. The log will show the children how many books they have read and this is a great way to motivate them to keep on reading!
5. Ask your children to finish off their boxes by creating a name plate. Let them write their names in a decorative way on small pieces of paper, or cut out the letters that spell their names to stick on the outside of the box.



## Sebenzisa ubugcisa bakho!

Ingaba abantwana bakho banendawo ekhethekileyo abagcina kuyo iincwadi abonwabela ukuzifunda? Mabalandele la manyathelo angezantsi ukuzenzela ezabo iibhokisi zeencwadi zeStory Power. Bangazibeka ecaleni kweebhedhi zabo ukuze ukufunda iincwadi kube yinxalenye yobomi babo bemihla ngemihla – into abacinga ngayo xa belala ebusuku kwanabacinga ngayo xa bevuka kusasa! Bakhuthaze bagcine iincwadi abanokuzisika-ze-bazigcine zohlelo lwabo lweNal'ibali kwakunye nezinye iincwadi abazonwabelayo kwiibhokisi zabo.

### Uza kudinga:

- ibhokisi yezihlangu
- iimagazini kunye namaphephandaba amadala
- iglu
- isikere
- iphepha kunye neekhrayoni (azinyanzelekanga)
- uluhlu lweencwadi ezizakufundwa



### Ekufuneka kwenziwe

1. Ingaba abantwana bakho babubona njani ubomi babo njengabantu abadala? Umzekelo, ingaba bafuna ukwenza msebenzi mni ukukhula kwabo kwaye ingaba bangathanda ukuhlala phi? Vumela intelekelelo yabo ibhadule xa uthetha ngezi zinto kunye nabo.
2. Nika abantwana bakho iimagazini namaphephandaba amadala. Mabasike imifanekiso kunye namagama abonisa amaphupha neminqweno ngamakamva abo kwakunye neenjongo zabo, kwakunye nobubona ngalo mzuzu, umzekelo, izinto abakonwabelayo ukuzenza ngoku, eyona mibala bayithandayo okanye oyena mlinganiswa wakwaNal'ibali bamthandayo. (Ndwendwela icandelo le-"Resources" ku-[www.nalibali.org](http://www.nalibali.org) uzikopele imifanekiso yabalinganiswa bakwaNal'ibali.) Kananjalo unokubacebisa ukuba bazobe eyabo imifanekiso ukuba bayafuna.
3. Bavumele baguqule ibhokisi yezihlangu ibe yibhokisi yeencwadi yeStory Power eyiyeyabo ngokuthi bancamathelele amagama abawasikileyo nemifanekiso ngaphandle nangaphakathi kule bhokisi.
4. Into elandelayo kukubanika uluhlu lweencwadi abaza kuzifunda ukuze baluncamathelele ngaphakathi esicikweni ukuze bamakishe kulo ezo ncwadi bazifundileyo. Ungazikopela uluhlu lweencwadi ezifundwayo kwicandelo lethu le-"Resources" kwiwebhusayithi yethu ([www.nalibali.org](http://www.nalibali.org)). Okanye, ungazenzela olwakho, ngokwahlula iphepha elingabhalwanga libe nemiqolo emithathu uze uyibhale ngolu hlobo: Igama lencwadi, Ndiyifunde nini, Endakuthandayo ngayo. Olu luhlu luza kubonisa abantwana iincwadi abazifundileyo kwaye le yeyona ndlela ilungileyo yokubakhuthaza ukuba baqhubeka befunda!
5. Cela abantwana bakho bazigqibezele iibhokisi zabo ngokubhala amacwecwe amagama abo. Mababhale amagama abo ngendlela ehombisayo kumaphetshana amancinane, okanye basike oonobumba abapela amagama abo ukuze babancamathelele kumphandle wale bhokisi.

## Know your Nal'ibali characters

All the Nal'ibali adult characters enjoy reading to their children! Do you? Find out about Mme wa Afrika's love of stories and then enter the competition to win a gift card from Jet!

Mme wa Afrika is Afrika and Dintle's mother. She speaks Sesotho, Setswana, English and a little Afrikaans. She makes sure that she reads to her children regularly – and whenever she can find the time, she relaxes with a book herself!



## Bazi abalinganiswa bakho beNal'ibali

Bonke abalinganiswa beNal'ibali abangabantu abadala bayakonwabela ukufundela abantwana babo! Wena? Funda malunga nothando lwamabali lukaMme wa Afrika uze ungenele ukhuphiswano ukuze uphumelele isipho esilikhadi lokuthenga lakwaJet!

UMme wa Afrika ngumama ka-Afrika noDintle. Uthetha iSesotho, iSetswana, isiNgesi kunye ne-Afrikaans encinane. Uqinisekisa ukuba ubafundela rhoqo abantwana bakhe – nanini na xa efumane ixesha lokuziphumza, uphola ngokuzifundela iincwadi naye!

## Win! Phumelela!

To stand a chance of winning one of four Jet Gift Cards worth R100 each, send us the word **"Afrika"** and tell us how often you should read to your children. Email your answer to [letters@nalibali.org](mailto:letters@nalibali.org), or SMS it to 32545 (standard data rates apply). Competition closes on 20 November 2014.

Ukuze ube sethubeni lokuphumelela elinye kumakhadi ezipho zokuthenga amane akwaJet naxabisa i-R100 lilinye, sithumelele igama elithi **"Afrika"** uze usixelele ukuba kufuneka ubafunde kangakanani abantwana bakho. Impendulo yakho yithumele nge-imeyili ku-[letters@nalibali.org](mailto:letters@nalibali.org) okanye SMSela u-32545 (kuhlawulwa amaxabiso amiselweyo edata). Ukhuphiswano luya kuvalwa ngomhla wama-20 kweyeNkanga 2014.



Jet Club

**Clue:** Visit the "Reading & storytelling tips" section on the Nal'ibali website to find the answer.  
Go to: [http://nalibali.org/reading\\_story\\_topics/read-every-day/](http://nalibali.org/reading_story_topics/read-every-day/)

**Umkhondo:** Ndwendwela icandelo le-"Reading & storytelling tips" kwiwebhusayithi yeNal'ibali ufumane impendulo.  
Yiya ku-[http://nalibali.org/reading\\_story\\_topics/read-every-day/](http://nalibali.org/reading_story_topics/read-every-day/)

Terms and conditions: To enter, you must be 16 years or older. Employees of PRAESA are not eligible to enter. Imiqathango nemimiselo: Ukuze ungenele ukhuphiswano, kufuneka ube neminyaka eli-16 okanye ngaphezulu. Abasebenzi bakwa-PRAESA abavumelekanga ukuba balungenelele ukhuphiswano.



## Story corner

Here is a new story to read aloud or retell. It is about Ntatu, who was jealous of Day and Night.

### Ntatu and the Bommelak Tree (Part 1)

By Leo Daly

A long time ago – before your grandfather and his grandfather and even his grandfather – Day and Night were not shy. They walked on the earth just like you.

Every morning, Day would wake up from his sleep. He would wash his face in the pool beneath the Bommelak Tree. Then he would walk across the earth and wherever he went he brought light and warmth.

The animals would stop and stare. They would whisper to themselves, "There goes Day. Look at how handsome he is."

Every evening, Night would wake up. She would wash her hair in the pool beneath the Bommelak Tree. Then she would walk across the earth and wherever she went, she brought coolness and rest.

The animals would stop and stare. They would whisper to themselves, "There goes Night. Look how beautiful she is."

All the animals loved Day and Night. Only one animal disliked them and his name was Ntatu. He would flap his feathers when he heard the others whisper, "Look at how beautiful they are."

Instead of agreeing, Ntatu said, "Well, what about me? Look at how beautiful I am. There is nothing as beautiful as me."

But the other animals only laughed. "Ntatu," they would say, "you be quiet – you foolish bird. You are not as handsome as Day and not as beautiful as Night."

This made Ntatu very angry. "I have a better neck than you, Giraffe," he said. "And I have a better nose than you, Elephant. And my eyes are better than yours, Mole."

This upset the little mole because he was very sensitive about his eyes, but Giraffe and Elephant only laughed at Ntatu. "Nonsense, Ntatu."

Then Ntatu said, "My face is more handsome than Day's and my feather's are more beautiful than Night's hair." And he flew away.

When next the animals saw Ntatu, he had combed his feathers and painted his face. "See," he said, "is my face not more handsome than Day's face? Are my feathers not more beautiful than Night's hair?"

But the animals all laughed at him. The little mole said, "Ntatu, nothing you do will make your face more handsome than Day's nor your feathers more beautiful than Night's hair."

Ntatu was very angry.

**Get your supplement next week and find out what the jealous Ntatu will try now.**

**How have books and stories shaped your life and your children's lives?** Have they helped you to explain a difficult situation to your child? Or has discovering a favourite story encouraged your children to read and helped improve their reading at school? Tell us on Facebook ([www.facebook.com/nalibaliSA](http://www.facebook.com/nalibaliSA)), or Twitter ([www.twitter.com/nalibaliSA](http://www.twitter.com/nalibaliSA)) using the hashtag #StoryPower, or email us at [info@nalibali.org](mailto:info@nalibali.org) and we could feature how stories have made an impact on your life!



## Indawo yamabali

Nali ibali elitsha onokulifunda ngokuvakalayo okanye ulibalise kwakhona. Limalunga noNtatu, owayemonela uMini kunye noBusuku.

### UNtatu nomthi weBommelak (Inxalenye 1)

Libhalwe nguLeo Daly

Kudala-dala – phambi kotatomkhulu wakho nokhokho wakhe nditsho notatomkhulu kakhokho wakhe - uMini noBusuku babengenantloni. Babehamba emhlabeni njengawe lo.

Yonke imihla kusasa, uMini wayevuka ebuthongweni. Wayehlamba ubuso bakhe kwiqula eliphantsi komthi weBommelak. Emva koko wayehamba acande umhlaba wonke kwaye naphi na apho ahamba khona wayesizisa ukukhanya nobushushu.

Izilwanyana zazisima zimjonge. Zazisebezela zisithi, "Nanko uMini. Khawumjonge indlela amhle ngayo."

Yonke imihla ngokuhlwa, uBusuku wayevuka. Naye wayehlamba iinwele zakhe kwiqula eliphantsi komthi weBommelak.

Emva koko wayehamba acande umhlaba kwaye apho ahamba khona, wayesizisa ukuphola nokuphumla.

Izilwanyana zazisima zimjonge. Zazisebezela zisithi "Nanko uBusuku. Khawumjonge indlela amhle ngayo."

Zonke izilwanyana zazimthanda uMini noBusuku. Sasisinye kuphela isilwanyana esasingabathandi kwaye igama laso yayinguNtatu. Wayevuthulula iintsiba zakhe xa esiva abanye besebeza besithi, "Khawujonge indlela ababahle ngayo."

Endaweni yokuvuma, uNtatu wayesithi, "Kanti nihini ngam? Jongani indlela endimhle ngayo. Akukho nto intle ukogqitha mna."

Kodwa ezinye izilwanyana zazimhleka. "Ntatu," zazisitho, "khawuthule – sidengidini sentaka. Awumhlanga njengoMini noBusuku."

Oku kwamenza umsindo kakhulu uNtatu. "Ndinentamo engcono kunawe, Ndlulamthi," wayesitho "Kwaye ndinempumlo engcono kunawe, Ndlovu. Kwaye amehlo am angcono kunawakho, Ntuku."

Oku kwakuyikhathaza intuku encinane kuba amehlo ayo ayenochuku, kodwa iNdlulamthi neNdlovu zona zazimhleka kuphela uNtatu. "Bubuvuvu obo, Ntatu."

UNtatu wathi, "Ubuso bam buhle kunobukaMini kwaye iintsiba zam zintle kuneenwele zikaBusuku." Waza ke wabhabha wemka.

Xa ziphinda zimbona uNtatu izilwanyana, wayezikamile iintsiba zakhe wabupeyinta ubuso bakhe. "Jongani," watsho, "ingaba ubuso bam abukho buhle kunobukaMini kusini na? Iintsiba zam zona ingaba azikho ntle kuneenwele zikaBusuku kusini na?"

Kodwa izilwanyana zavela zamhleka zonke. Intuku encinane yathi, "Ntatu, akukho nanye into onokuyenza eyakwenza ubuso bakho bubebuhle kunobukaMini okanye iintsiba zakho zibentle kuneenwele zikaBusuku."

UNtatu waba nomsindo kakhulu.

**Funda kuhlelo lwakho lweveki ezayo ukuze ufumanise ukuba uNtatu uza kuzama owuphi umona ngoku.**

### Ingaba iincwadi zibe nafuthe lini kubomi bakho nobabantwana bakho?

Ingaba zikuncedile wakwazi ukucacisela umntwana wakho ngemeko ethile enzima kusini na? Okanye ingaba ukufumana elona bali lithabathekisayo kubakhuthazile kusini na abantwana bakho ukuba bafunde kwaze kwanceda nokuphucula ukufunda kwabo esikolweni? Sixelele ku-Facebook ([www.facebook.com/nalibaliSA](http://www.facebook.com/nalibaliSA)), okanye ku-Twitter ([www.twitter.com/nalibaliSA](http://www.twitter.com/nalibaliSA)) usebenzisa i-hashtag engu-#StoryPower, okanye usi-imeyilele ku-[info@nalibali.org](mailto:info@nalibali.org), thina ke sinokupapasha loo ndlela amabali abe nefuthe ngayo ebomini bakho!